10

CORY LIBRARY
MS. 16,335
R.U. (a)

LION BRAND

# CROXLEY

## Examination Book
## Eksamenskryfboek

Ruled Feint and Margin and Perforated

Dun gelinieer met Kantlyn en Deurboor

DBN. 198

J.D. & Co.

Kodwa ke naaku namhla
ndisiwa
Ndilimele, ndaphuke ndavikiveka
Luphina ulozuko?
Uhunyamakazi bam buyephina?

Ndakha ndambon' uThixo
wam
Ndakha ndayazi iNkosi yami
Namhla ezozinto ziliphupha
Ukuzibika kwam, kum
kukubhuda
Sendagosiselwa esisizothongokazi
sityhenebakazi.
Sifikile.
Andiyazi invela nembang'obukho
Siyafutha, siyayoba.
Siyalucima uzuko neemfefe
zo Thixo.
Uphina ke Bawo?
Usekubaphilina Kumkani?
Buphin' ubuKumkani
no bakho ubuThixo
Bundizimelena ulungcwalisa
nemfezeko?
Buphin' ubumoya
no buqaqawuli bakho?
Ziphona? Zimbala-njanina
ezizinto?

Kukh' omoy' abashushu
Abafukame izwe nabemi balo
Sento ke suke itsho ngezizothe—
zothe

Iyabinda kwinyongo
yomphefumlo
Iyaraxa, hayi, iyagoga
kuyo.
UsenguThixo okhoyona
SoManyuweli?
Phofu njini nje ke namhlanje?
Kaantsi lento indootha
inthliziyo
Izakhele netrone kwakuyo,
Etrone efana negumbi
lengulube.
Nezindlu zasese ziyosamela
ngomkhitha
– Hay' umdintsi wolubehema!
Kanti lent 'ulundala
yintonina lethu?
Asiyityhefu ephephetha
amaphathona?
Asisidibi nobumbina?
Apho kuyela kubambeke
igazi lobunkonyane?
Kanti lent' ukukhula
yintonina?
Asisinyembezi nenzingona?
Asingumngamlez 'orwexayo
womphefamlona?
Buyintonina ubuntu nobomi?
Alusisigulo esifileyona?
Kukho ingubo yezifuthu-futhu-
na?
Asiyilengubo yokukhulana?
Lengubo ke irax' imincili,
ichith' amatshamba'

Yingub'egub'amakratshi,
Iyegeliselé namagcigala
Ingub'etyeda esisehanti,
Yaphule nomgolo ebungcwalisen
Ingub'enohoamuuila, ingub'
exwexayo
Hayi nje lengubo nobukho
bayo!
Bungatyisiwe kwelay'isithe
ubomi.
Imhlala kanzim 'umntwan
ekazana
Lenyaniso ityhilwe
kwasemanyangeni
Iyathethwa ngabantu nezizwe
zasezinttlangeni.
Ayiluvumi uyolo
Ilungweba lwayame ngerola
Iludidizelise-de luhlale
ngomhlana
Ilubethe ngempandla
Ilungqula nangesinqe
Luye ngophotho uyolo
Iludude iludinditha
lube yimfe nentlama.
Hayi nje lenyoka!
Isihlalele amatshoba
Ibimba imibilini, ishiy'
igogogo
Ukhonyo luhaba!

Ezizinto zize nalengqondo
no kwazi

Zahlukana nobungcwele
bazo
Ziyamcekisa ongenakumbi.
Sezahlukana nobungcwele
bazo
Azi ke bethu—
Luphin' oloyol' ulunyulu
nozuko?
Beyele phina obobungcwele?
Bawo ngwefi noKumkani
Ndimlele kulomasango
ezulu
Ndikhumbule kulemixawuka
nobulahlwa
Shetha nam ngesazela
Ndiphuthume elolifa
Ngalinye nje ke—
Ndiququbele ekhaya mTriniti!
Ndisindise Nkosi.

## AA! GOBINTSHUNTSHE!

Lo ke ngumfi uMnu
Osmond Zanuxolo Mbheki
Yayilikholwane negwiba
kum. Andinanto ndinayo
engathi ibethane nexabiso
lakhe kum—(baninzi
abangandingqinelayo) Naxa
ukwenjenji ngaye kungeneno
kwimfanelo yam ngaye
ebendimele ukuyifeza

makwamkeleke kumoya
wakhe nakwabayinzi ukuba
ndifane ndithi kuni ngaye—

Bendigabel 'intaba
Viingci! Landwalel 'iphika
Ndazingisa ndaukantsa noko
Ndigxoga ngoggajala lweguwangga
Xhwenene lomphefumlo
nengqondo!
Awu Zama Bhele, Llamlulo!
Wawuya kuwukhulula wena.

Ulungenam na ngezolo?
Besingaluthi kunyena
nyakenye?
Ukwesikanobanina ke ngoku?

Kade sicand 'iingcamlu
nembotyi kunye
Sizingel 'iinkumbi
Sisinya inkoduso
Kade silim 'imingqathe,
sivun 'amazimba
Siwufunxa ithombo umhlaba
Siwudidiyela nengezitya
kwaFar'eYiphutha
Yaziwa nguLyxidi kaSMniki
lonto
Inkunz' emdaka
yasema Folweni
Ugqa-a-ats!!
Iyagoduk 'imhlambi mfo
kaSMbalo kumabhele

Ngabo ' undishiyilena Bhele
Ngenen' undandulelena ?
Ubele ngenenena mfondini ?
Yini ukundifihlela mini
undishiyayo !
Ubundiqumbele nganina
ungasaxeli nje ?
Awazina ukuba olwam
uny' ibinguwe
Akukhumbulina ukuba
ezam' iintsizi ibizezakho ?
Ngoko ke wandizimelela-
nina ?
Yiminina hodwa undizimeleyo ?
Siyintonina ityala lam ?
Libeke nsakwethu.
Phendula Dlambulo
Xela Bhele laseCutseni.

Ndandiphesha kwezibuko
lo Mthatha
KwaNgqushe kwelamaMpondo
Wasala Ukhonza
kwelabaThembu, eRoda
Wakhumbula eParadesi
mini wabizwa
Apho kwelabalindi kufuphi
kwelabangcwele
Uselapho wena nezihlwele
zabemi balo.
Ndosizi sehwaba lusini
Apho namhl' uhlusa khona
(Zondikhonzele kuloNkosi
iBayo uhleli kuyo)

Ndihlolo nofikwana
kwelilizwe.
Azi ndoba nawe ninina !
Sobonanana ke mfondini ?

Noko ndondele kwezintaba
zolgubeni no Mlondleni
Ikwacwengile impepho
ephuma khona
Kukhonto indihluphayo
Ndimandawo indiggibayo
Akukho enanini
lababphihleyo
Udlulele phambili
kwelabadala.
Myoopha umoya wam
Ngamelo ndiganekile
Ndilimele.

Bekuthen ukuze wenjenje ?
Ndiye phina ulaphoyi ?

Azingisel'amabeza eencoko zethu
Andivumb'ukonwaba
nenkululeko
Axhuzul'uncheho, andidlamel'
amanxeba.
Yitempile iphela uncumo, lwakho
Ukwaphela kanye
YiMissa cwaka necebo
lesisu sakho.
Kodwa umgama nje ndigogekile
Azi ke ndo kwenjenjanina ?

NB New Verse ↓

Ndiluuze kumyoko
Wandiqondisisa no Nombulelo
Bakukhomba etyholweni
Entsunguzini yombhadi esingeni
Kwa elokhaya le Nkanunu
ka Mhletywa.
Lithethile ndeva nalo.
Ukhululwe zinewadi
kumqulu wabarumi
Se ulinde umvuzo wemVana
yeDini
KwiParadesi yemilindo.
Zilapho izizukulwana
zezizwe zihlabathi
Oonyana bamahlwempu
Neentombi zoKumkani zikhonza
Noo kumkani nabo neenganga
zabo.
Azi sohlangana na ndakuza?
Sobonana sibantsanena
ndakuhla?
Ndoqamba njengenkonyane
ngatominikazi!

Yahamba ingcofo!
Ingcwele ezele ngumsa yona
Udofodofo lwethamba
itana - tam
NB Umsa ngomsa, umoya nembeko
Isalu ngo kakayi ijoni ngelizwi.
Sahlangana phantsi
kokKhalinyanga
ESNyanga kumaGwatthi
ka Dlalasile

Sanqula siqulude
Ezi Ngcwelem kuNozigauga.

Tata Bawo wam!
Wena nkom' ezizwe!
Wena waxhelelwa iintlobo
zaboni beentlanga
Nkomo yocamagusho
eyabingelwa eNtabeni!
Xolela iingcingane
ezilunxangathi
Izicamngco ezigxagelyo
Zixolele ngoxolo lwakhoWena
Sikoona silungisa sisoona.
Abafele kulwe bazuzlne
nobona bomi pha
Afele kuwe uphamele
kolona vuko.

Mamkeleleni ebuthweni
mazulu!
Bawo Abrahamb, nthuthuzele
esifubeni sakho
Ae ifike ehlel'isiza imini
Sodudla ke kunye ngayo,
Sidude namathambo
amzuzu.
Khon'aph'ezulwini,
Kufuphi ne ziyoni
Phesha kwamathunzi edlaka
Mgama enkohlakalweni
Aelele neenkohla zalomhlaba

Soduma sidude ngayo khona
Siqongqothe iingqotho
Singomba amagubu
Ubhelele umkhosi omhle
Sithelele nebutho elinodumo.

Udinga nam ndinganabo
Nkosi
Ebusweni bakho ndikunye
nabo
Ndilibonge igama lokumkani
wo Sindiso.
Hlala naye kunye nabo Bawo
Alal'alal'auke,
Avuk'auul'umlomo
Auul'umlom'abonge
simbone
Simbon'enqul'edumisa
Wena
Wena Yise wo Nyana
nibathathu ngoMoya
De kuse nakulo iphakade.

INYANISO

Ubuthwel'ubunzima
Usindwa yinyaniso
Likhephu ke isangqawe
sakho
Iyabungezel'intshinga yegolide
kuwe
Akunamali, iingxowa zakho
zinolupphlwempu

Ushiywe lulunguwakazi,
ulahleke nomkhitha
Ndibona uzuze awaze
walambatha
Sisixhotyana sinye, sixcakathe
amaxhoba
Inyaniso eyodwa likrele lakho.

Iphina 'inyaniso ?
Ngubanina uyise nomniniyo?
Yoluwanina yona ngumntu?
Yinkedama kwaphelana?
Liphina ilifa lakho Nyaniso?
Yintonina umnungo
wokukhonzayo?
Iphin'ilahleko yophethele
ngawe
Ungubanina Nyaniso khawuxele?
Ndiyusele uPilato,
Mbuze ngayo nanga Ye
owayeyiyo.
Nyaniso, Nyaniso!
Wyinkosi wena Nyaniso.

Yinina bantu bomhlaba!
Lilele aph' icham, kwesona
sichenge
Fuyani yona, ndilije iintango
Thengani yona, nizuze eyona
ndyebo.
Ayinachuku
Kade bexok' abochuku
Bathi nguchuku, inkcukumiso
yesigu.

Ndimi apha uje
Lomanga onke ndiyawama-
ngala
Ulutha elozwi, uzingxeko
nomnimilo!'
'Butyebi beenkwamba
nezigwili
Ligolomba elingabonwa
ziphango
Aiphlal' eramentini
yamanginingini.
Isezimfazweni neenjubaqa
zalomhlaba
Iyazondwa ngamabhedengu
Enamabandl' ankosi zaibo.

Icima ilangatye
Ilwaluke aththu
lubeyingubo.
Yabona imfuduko yayo
Izinzisa iingozi namagazi
Iyamnqulusis'" Umzi ~~nento~~
Nento phakathi nomninivo
Yakufuduka kufingiz' amafu
Yiva kwamna ndikufungisa
Nyaniso! Nyaniso!
Ubomi wena.
Nyaniso! Nyaniso!
Ukhaya wena.

Ngumngongqo wenttalo, ubutyebi
bentsizana
Sisibane sobomi, siqhekez' ifu
ngelitha